Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

OKTHOBHA 2015

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

P.O. Box 20
Hermanus 7200

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24 Hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

Usodolophu uNicolette Botha-Guthrie kunye nabaphumeleleyo

AMAGQALA AWONGWE KUMSITHO WABUCALA OBUWENZELWE BONA

Usodolophu uNicolette Botha-Guthrie kunye no Kim MacLean (Sharklady)

Ngokuhlwa kwangoLwesibini umhla wama-26 Agasti 2014, uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie wenza umsitho iOverstrand Night of Achievers ukuwonga amalungu oluntu "enze ngaphazulu kunokuba bekufanele" ekwenza oko njengesiqhelo bengalindele nto. Ngobo busuku ngamagqala alishumi elinethoba athe awongwa ngemisebenzi yawo emihle yonikezelo lweenkonzo kwisizwe sawo nokuzinikela kwawo kukhuseleko lokusingqongileyo.

Amanina aphume phambili kulo nyaka wama-2014

Ukunikezela ngako konke ukususela kwisithuthi ukuya ekutyeni nokungacingi ngentlawulo xa kufanele etyelele ikhaya logulayo ngenjongo yokutshintsha idriphu ekwenza oko emva kwexesha, nangempelaveki, *u-Ena Geldenhuys*, ongumququzeleli wokutyelelwa kwamakhaya abagulayo eGansbaai naye osaya kuba ngolwe idabi lesifo somhlaza waliphumelela.

Kwelinye icala, abachongiweyo nguStefné van Dyk waseBettys Bay, ngokuthi ngesakhono sakhe somculo asisebenzisele abo bafuna ukuphuhliswa ngesi sakhono echitha iiyure zexesha lakhe ukwenza oku, esebenzisa nezixhobo zomculo ekwenza oko engahlawulwa. Owesibini ongeneleyo usuka eHawston, uDinah Johnson ongutitshala owathatha umhlala-phantsi othi noxa eneminyaka engama-70 abe esenawo amandla okunika izifundo kwabo bantwana bafuna uncedo kwizifundo zabo.

Usodolophu uNicolette Botha-Guthrie kunye no Michael Rutzen

Abanye abakumlenze wokugqibela wokhuphiswano ngaba uAnnelie Jonker, uCorrie Gerber, uHannie Morgan, uIlze Smith, uLean Terblanche, uVuyiswa Pike noZaan Cilliers.

INdebe kaSodolophu yoLondolozo lokusiNgqongileyo lowama-2014

Kwiminyaka elishumi elinesine *uJack Bold* wathatha iFernkloof Gardens eyayingakathalelwe wayitshintsha wayenza isitiya sezityalo zemveli esisiso ngoku. Ethenga iintlobo ezahlukileyo zezityalo ezingama-250 esi sitiya sikwazingca ngohlaza nezityalo ezinuka kamnandi, kutsha nje zifakelwe nohlobo lwe- arboretum - sibulela kuJack ngomsebenzi wakhe wakuthanda izityalo zemveli.

Omnye ongenele ukhuphiswano uSheraine van Wyk, ulawula iWhale Coast Conservation enoxanduva lokufundisa ngemvelo. Ukwangeza basungule namaphulo amaninzi eenkqubo zokufundisa ezikolweni, ukwathabatha inxaxheba nakwiinkqubo zabadala enye yazo iyeyokulondoloza amasele. USihlalo weFernkloof Advisory Board, uDuncan Heard, ukumlenze wesibini kulo nyaka kwaye ungoyena onokuthatha udumo ngenxa yomsebenzi wakhe obalulekileyo kwicala lolawulo londolozo lokusingqongileyo.

IMbasa zabaBalaseleyo zikaSodolophu zowama-2014

Aba bagqatswa baqatshelwe ngokuthatha inxaxheba ephume izandla kwicandelo lobugcisa, inkcubeko, ezemidlalo nentlalo-ntle okanye ukunika impembelelo entle eluntwini lwaseOverstrand nokuzama ngamaxesha onke ukwenza okuhle kuko konke abakwenzayo, abo ngaba:

- U-Anchelle Damon • u-Angie Krynauw • uChris Adams
- uClayton Francis • uFrikkie Zeelie • uJason Stonehewer
- uLesley Richardson • uTheoKrynauw • uTommyVolkwyn

Sibothulela umnqwazi, sanga sonke singalandela ekhondweni.

Siphephezelisa iFlegi eBhlowu: Irekhodi leminyaka eli-15 elingagungqiyo loNxweme iGrotto

Xa iFlegi eBhlowu iya kube uphephezeliswa ngowesi-6 kuOkthobha kuNxweme iGrotto, obo iya kuba bubungqina obuthi make sizibhence.

Kwiminyaka elishumi elinesihlanu edlulileyo, eli phulo lamiselwa ngokusesikweni yiWESSA (ngokupheleleyo kuthiwa yi-Wildlife and Environment Society of South Africa) ibambisene nabasemagunyeni kwiingingqi ukuze kuqatshelwe loo manxweme kwizwe lonke athabathela kuwo uxanduva lokugcina imigangatho iphezulu xa kubhekiswa kukhenketho nolondolozo lwamanxweme.

Ukuze afumane iwonga leFlegi eBhlowu, amanxweme kumele ukuba ahambisane neenqobo ezingekho ngaphantsi kwama-33 ezinxulumene nekhwalithi yamanzi, imfundo nolwazi ngokusingqongileyo, ulawulo, ukhuseleko neenkonzo ezingokusingqongileyo.

Kulo nyaka, iFlegi eBhlowu iza kube inyuswa umnyaka weshumi elinesihlanu kuNxweme iGrotto nalapho kuya kube kukho obekekileyo uMphathiswa wezoKhenketho, uDerek Hanekom – neliwonga elingqina ukuzibophelela kweOverstrand ukuba inakekele amanxweme oMzantsi Afrika ukuba abe phakathi kwawona angcono kwihlabathi.

Ukunika imbeko kwiminyaka eli-15 yeFlegi eBhlowu, amawonga amanxweme egolide, isilivere nebhronzi aya kukhutshelwa inkonzo ende kwinkqubo yeFlegi eBhlowu yoMzantsi Afrika.

INKUNDLA EYONGEZEKILEYO IYAQHUBA

NgoMvulo we-31 Agasti 2015, obekekileyo uChrisholm Noble wafungiswa njengomantyi wenkundla eyongezekileyo (okanye inkundla "kamasipala") eHermanus, oko kuthethe ukuba le nkundla ithe yavulwa ngokusesikweni ukuqhuba imicimbi yayo ngowe-01 Septemba.

Kwixesha elizayo, zonke iintlawulo ezinxulumene nomasipala kunye nendlela zingahlawulwa kule nkundla phakathi kwesi-08:00 ukuya kweyo-13:00 naphakathi kom-13:45 ukuya kweyesi-15:00 ngeentsuku zaphakathi evekini. Aboni bayakhunjuzwa ukuba baphathe izohlwayo zokwenene kwakunye namaxwebhu oMazisi xa besiya kuhlawula izohlwayo zabo.

UKUFAKWA KOMBANE EBEKUDALA KULINDIWE EOVERHILLS KUGQITYIWE

NgoLwesibini woku-1 Septemba 2015, uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie ube nethuba lokukhanyisa ubomi babo bahlala kumatyotyombe aseKleinmond, iOverhills, xa ethe "wakhanyisa izibane".

Kwixesha elidlulileyo, amalungu oluntu aphakamisa iinkxalabo zabo zokuba banezixhobo ezisebenza ngombane kodwa awukho wona umbane kuCeba weWadi yabo, uLisel Krige, nothe walithabathela kuye ithuba lokwenza elo phupha lifezeke ngokuthi akhankasele uncedo lokufakelwa kombane eOverhills.

IOverhills yongezwa kwinkqubo yofakelo-mbane kamasipala, kwaze kwathi yakuba khona imali kumnyaka-mali ka-2014/15, iprojekthi yamiselwa ngokusesikweni ngo-Okthobha 2014 ukuze ize kugqityezelwa ngo-Agasti kulo nyaka. Ngeendleko ezizigidi ezi-R2,5, imizi engama-376 ithe yafakelwa umbane.

Kwintetho yakhe yosuku, uSodolophu uBotha-Guthrie udandalazise ukuba oku ibingeko kuchamza ebhotolweni. Imiceli-mngeni emininzi eyahlukeneyo kufuneke ukuba isonjululwe – omnye ibikukufudusa izindlu ezakhiwe phantsi kweentambo zombane zikaEskom kuqala. Imilo yendawo kunye nendlela ezimi ngayo izindlu ezikhoyo zithe zaxakanisa kakhulu kufakelo lothungelwano lweentambo zombane.

Eyona nkxalabo ibinkulu kuye, ibilukhuseleko lwabemi ngakumbi abantwana ngexesha lokwakha, utshilo uSodolophu. "Kusetyenziswe iintlanganiso ezahlukeneyo nguCeba Krige, umphathi wengingqi uDesmond Lakey, abasebenzi besebe lezindlu kunye neenkokheli zoluntu, nangona kunjalo sithe sakwazi ukumelana nokusombulula le miceli-mngeni kwaye ndingathanda ukubulela ngokungazenzisiyo kubahlali ngezimvo nomonde omhle abathe banawo ngexesha kusakhiwa."

Uthe wabulela umcebisi, u-Aurecon kunye nomakhi, u-Adenco ngokuzinikela kunye negalelo labo elihle ekubeni igqitywe le projekthi.

Zonke iintambo ezingekho mthethweni nokukonektha umbane ngendlela engakhuselekanga ebisetyenziswa ukubonelela ngombane kwezi zindlu zithe zasuswa ngoku, kwaye ngoku abahlali banenyhweba yothungelwano lombane elikhuselekileyo nelithembekileyo. Xa egqibezela, uSodolophu ulumkise abazuzi "ukuba baqinisekise ukuba wonke ubani endlwini usebenzisa umbane ngendlela eyongayo, enoxanduva nekhuselekileyo. Wenza ubomi bethu sonke bubelula, kodwa ungatshabalalisa ubomi kunye neepropati ukuba awusetyenziswa ngendlela efanelekiyo nangobulumko," ulumkise njalo.

UMBETHI-PIYANO WASE-SWITZERLAND OSEMNCINANE WONGEZA IMIBALA YENGINGQI

O·A·K
overstrand arts • kunste

UGABRIEL ARNOLD, ongumbethi-piyano oqaqambileyo nosemncinane ovela eSwitzerland uza kuyolisa abaphulaphuli xa edlala ingoma emnandi "Song of the Whales", neqanjwe emva kokuba endwendwele eHermanus. Kodwa ukudlala kwakhe ipiyano ngoLwesihlanu wama-23 Okthobha kuthembisa okungaphezulu: uArnold uza kube edlala imisebenzi yeengoma zikaMozart kunye noRachmaninov, kwakunye neyakhe eluncuthu ethi Impromptus.

Ikonsathi iqala nge-19:00 kwi-Civic Auditorium.

Amatikiti yi-R120 (R60 kubafundi) kwaye ayafuneka emnyango. Ukubhukisha kungenziwa eBELLINI GALLERY kwezi nombolo 028 312 4988. Ungaqhagamshelana noRené du Plooy kwezi nombolo ukuba ufuna iinkcukacha ezithe vetshe.



uGabriel Arnold